

Okutsha malunga nobhaliso

Bafundi abaBekekileyo

Kuluvuyo kum ukunamkela kwakhona ekhampasini kwaye ndininqwenelela unyaka wezifundo oneziphumo ezihle nonempumelelo. Ndiyathemba ukuba niyonwabele iveki yenu yokuqala yezifundo.

Kwezi nyanga zimbawwa zidlulileyo, abasebenzi bethu bezolawulo nabezezifundo bebesebenza nzima ukuqinisekisa ukuba abafundi bethu babhalisiwe kwaye bakulungele ukuqalisa izifundo zabo kwaye kuluvuyo kuthi ukuxela ukuba uninzi lwabafundi bethu sele bebhalisiwe ngempumelelo.

Le Yunivesithi, noko kunjalo, iyazi kakuhle kakhulu imingeni yezezimali abajamelene nayo abafundi bethu, ingakumbi ngenxa yokulibaziseka okubangelwe ngabeNgxowa-Mali yeSizwe yokuNceda abafundi abangathathi Ntweni (NSFAS – National Financial Aid Scheme).

Ukuncedisana naba bafundi, iYunivesithi yaseStellenbosch ithathe la manyathelo oncitshiso lolwamvila.

Isithuba sexesha lobhaliso songeziwe

Umhla wokugqibela wokubhalisa ubhekisiwe de kube **ngoMvulo umhla wama-28 kweyoMdumba 2022** ukulungiselela abafundi abanokulibaziseka ngenxa yenkxaso-mali. Intlawulo yobhaliso lwasemva kwexesha elimiselweyo ayiyi kufuneka kubafundi abakule khathegori.

Inkqubo yezibheni eziya kwi-NSFAS

Sithumele olu nxibelelwano lunge-imeyili kubo bonke abafundi abachaphazelekayo abaye bacelwa ukuba bangenise izibheni kwi-NSFAS ngephothali yange-intanethi. Imineni engokuphathelene nephothali ye-NSFAS iye yaxelwa kwi-NSFAS kwaye kungoku nje ifumana uhoyo olungxamisekileyo.

Nceda uqaphele ukuba, ngokwezikhokelo ze-NSFAS zika-2022, zonke izibheni eziya kwi-NSFAS zingangeniswa ngqo kwi-NSFAS kwiphothali ka-myNSFAS. Bonke abafaki-zicelo abanezicelo ezineziteyithasi ezithi “unsuccessful” bangangena kwii-akhawunti zabo zika-myNSFAS ze bangenise izicelo zezibheni ezihamba nengcaciso namaxwebhu afunekayo. Izibheni kufuneka zingenile zingaphelanga iintsuku ezingama-30 emva kokufunyanwa kwesiteyithasi esithi “unsuccessful”.

IQela eliSebenza ngaMatyala aBafundi

Abafundi abangama-252 bebonke baye bafaka izicelo kwiQela eliSebenza ngaMatyala aBafundi (SDWG – Student Debt Working Group). Ezi zicelo zihlolwa ngendlela yokuhlolwa kwesicelo ngasinye ngexesha nalapho kufuneka igalelo le-Ofisi yeeBhasari zaBafundi abaNgekathweswa Zidanga, i-Ofisi yaBafundi abaziZithwala-ndwe, abezeeNtlawulo zaBafundi kwa kunye neBhunga eliMele aBafundi (SRC – Student Representative Council), maqumrhu lawo amelweyo onke kwiQela eliSebenza ngaMatyala aBafundi. Kubafundi

abafake izicelo zokuncediswa, abangama-81 sele bencedisiwe ekubeni babhalise, nalapho izicelo zabanye abangama-93 zisahlolwa ukuze babe banganako ukuncediswa.

Abafundi abasele behloliwe kakade yi-SDWG sele bazisiwe ngeziphumo zoko. Ukubhlokha kokubhalisa sele kususiwe kubo bonke abafundi abanezicelo eziphumeleleyo. I-SDWG iceba ukuzigqibezela zonke izicelo ezishiyekileyo engagqithanga uLwesihlanu wama-25 kweyoMdumba 2022.

Ufikelelo lwethutyana kwi-SUNLearn

Abafundi ababuyayo abangekathweswa zidanga abafumene ulibaziseko olungenxa yenkxaso yezimali nabo bafake izicelo kwi-SDWG bangekaphendulwa okanye abalinde uvavanyo sele bencedisiwe / baya kuncediswa ngofikelelo lwethutyana kwiqonga le-SUNLearn.

Iindawo zokuhlala zabafundi

Nceda uqaphele oku kulandelayo ngokujoliswe kwiindawo zokuhlala zabafundi:

Abangenzi nyaka wokuqala

- Bonke abafundi abangenzi nyaka wokuqala abangakhange bayifezekise imfuno ye-HEMIS yeendawo zokuhlala yangenyanga yeKhala kodwa ze banako ukufezekisa imfuno yangenyanga yoMnga baye bafakwa kwakhona kwiindawo zokuhlala. Abanye abafundi baye batyunjwa ziintloko zeendawo zokuhlala, abanye abafundi baye ngqo kwi-Ofisi yokuFakwa kwaBantu kwiiNdawo zokuHlala ze abanye bafakwa kuba amagama abo ebekuluhlu lwabo balindileyo.
- Abanye abafundi abangenzi nyaka wokuqala baye bathathelwa ingqalelo kuba amagama abo ebekuluhlu lwabo balindileyo.

Abenza unyaka wokuqala

- Malunga nezithuba ezingama-300 zibekelwe abafundi abasebenzisa i-NSFAS abenza unyaka wokuqala ngenyanga yoMqungu.
- Malunga nabafundi abali-125 abathe bachongwa yi-SRC nezinye iinkokheli zabafundi nabathe bazifezekisa iimfuno ekuvunyenwe ngazo abathe bafakwa ezindaweni zokuhlala.
- Malunga nabafundi abali-100 abathe bazifezekisa iimfuno ekuvunyenwe ngazo abathe bafakwa kwiindawo zokuhlala zethutyana.

Iindawo zokuhlala zabucala

- Malunga neebhedhi ezingama-4 500 ezivunyiweyi yile Yunivesithi. Iindawo zokuhlala ezivunyiweyo yi-NSFAS zihambelana neemfuno ze-NSFAS kwaye azifuni diphozithi. Abafundi bethu abaninzi baye bazithatha iindawo zokuhlala zabucala ezivunyiweyo ekubonelelwe ngazo.

Ikhampasi yaseTygerberg

Abafundi bakwikhampasi yaseTygerberg baza kufumana unxibelelwano olusuka kuSekela Mbhalisi malunga namalungiselelo oncitshiso lolwamvila, malungelo lawo ayeleleneyo nala ngokujoliswe kubo.

linkcukacha zonxibelelwano:

Nceda ungathandabuzi ukuqhagamshelana nathi ukuba udinga uncedo:

- Xa unemibuzo: 021 808 9111 okanye info@sun.ac.za
- libhasari zabafundi abangekathweswa zidanga: 021 808 4115/9300 /9386 okanye nsfas@sun.ac.za okanye
- libhasari zabafundi abazizithwala-ndwe: 021 808 4208 okanye postgradfunding@sun.ac.za
- Ufikelelo lwethutyana kwi-SUNLearn: src@sun.ac.za

Cofa [apha](#) ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe malunga neenkondo zabafundi nenkqubo yokubhukisha ukulungiselela amadinga kunye nabasebenzi base-Admin A.

Nceda uqiniseke ukuba sihlala sithethana nababandakanyekayo abafanelekileyo bangaphakathi nabangaphandle kwaye siphengulula iindlela zokuncedisa abafundi bethu nangakumbi ngemingeni yezezimali.

Ndininqwenelela unyaka wezifundo onempumelelo nonke!

Ozithobileyo
Gqr Ronel Retief
UMBhalisi